



Ukhozo lwembewu oluncinane

Ibali lika Wangari Maathai

Le ncwadi yeka









bookdash.org

Every child should own a hundred books by the age of five. To that end, Book Dash gathers creative volunteers to create new African storybooks that anyone can freely print, translate and distribute. Then we work with partners to give those books to preschool children to own.

To find out more, and to download beautiful, open-licensed, print-ready books, visit bookdash.org.

Ukhozo lwembewu oluncinane

(A Tiny Seed)

Illustrated by Maya Marshak

Written by Nicola Rijsdijk

Designed by Maya Marshak and Tarryn-Anne Anderson

Translated by Nal'ibali

with the help of the Book Dash participants in Cape Town on 30 August 2014.

ISBN: 978-1-928318-95-8

Typeset in Crimson Text

This work is licensed under a Creative Commons Attribution 4.0 Licence
(<http://creativecommons.org/licenses/by/4.0/>).

You are free to share (copy and redistribute the material in any medium or format) and adapt (remix, transform, and build upon the material) this work for any purpose, even commercially. The licensor cannot revoke these freedoms as long as you follow the following license terms:


You must give appropriate credit, provide a link to the license, and indicate if changes were made. You may do so in any reasonable manner, but not in any way that suggests the licensor endorses you or your use. No additional restrictions: You may not apply legal terms or technological measures that legally restrict others from doing anything the license permits.





Ukhozo lwembewu oluncinane

Ibali lika Wangari Maathai








Kwilali ekwithambeka leMount Kenya eMpuma
Afrika, intombazanana encinane yayisebenza
emasimini kunye nomama wayo.

Igama lale ntombazanana yayingu Wangari.











Elona xesha lemini awayelithanda kakhulu kwakusemva nje kokutshona kwelanga. Xa sele kumnyama kakhulu ukuba zibonakale izityalo, uWangari wayesazi ukuba elo lixesha lokuba agoduke.

Wayelandela loo ndledlana inqumla emasimini, awele nemilambo xa egoduka.





UWangari wayengumntwana okrelekrele kwaye wayesele etshiseka, efuna ukuqalisa esikolweni. Kodwa umama notata wakhe babefuna ukuba ahlale ekhaya abancedise.

Xa wayeneminyaka esixhenxe ubudala, umntakwabo omdala wacenga abazali bakhe ukuba bamvumele aye esikolweni.






UWangari wayekuthanda
kakhulu ukufunda!

UWangari wafunda ngakumbi
kwincwadi nganye athe
wayifunda.

Waqhuba kakuhle kakhulu
esikolweni kangangokuba
wamenywa ukuba
aye kufunda eMerika.

UWangari wayechulumance
kakhulu! Wayefuna ukwazi
nokufunda ngakumbi ngehlabathi.










Kwidyunivesithi yaseMerika uWangari wafunda izinto ezininzi ezintsha. Wafunda ngezityalo nendlela ezityalwa ngayo ukuze zikhule. Kananjalo wayikhumbula indlela awakhula ngayo: edlala imidlalo kunye nabantakwabo phantsi kwemithi yamahlathi amahle aseKenya.








Okukhona efunda kwaba kokukhona aqondayo
ukuba ubathanda ngenene abantu baseKenya.
Wayefuna ukuba bonwabe kwaye bakhululeke.

Okukhona efunda, kwaba kokukhona
ekhumbula ikhaya lakhe lase-Afrika.







Wathi akuzigqiba izifundo zakhe uWangari, wabuyela eKenya. Kodwa ufike ilizwe lakhe litshintshile. Kwakukho iifama ezinkulu ezazinabele kulo lonke ilizwe lakowabo.

Abasetyhini babengenazo iinkuni zokubasa imililo ukuze bapheke. Abantu babehlupheka kwaye abantwana babelambile.







UWangari wayesazi ngqo ukuba makenze ntoni na. Wafundisa abasetyhini indlela yokulima imithi besebenzisa imbewu.


Aba basetyhini bayithengisa le mithi baze bayisebenzisa loo mali ukondla iintsapho zabo. Abasetyhini ngoku nabo bonwaba kakhulu. UWangari wayebancedile ngokubaxhobisa ukuze bazive bomelele.





Kuthe ngokuhamba kwexesha, le mithi mitsha yakhula yangamahlathi, yaze nemilambo yaphinda yaqukuqela. Umyalezo kaWangari wasasazeka kulo lonke elase-Afrika. Kunamhlanje nje, zizigidi ngezigidi zemithi ezikhule zisuka kwimbewu kaWangari.







UWangari wasebenza nzima kakhulu.
Abantu kwihlabathi liphela bakuqaphela
oko, baze bamwonga ngembasa eyaziwayo.
Le mbasa ibizwa ngokuthi yiMbasa yoXolo
kaNobel, kwaye ube ngowasetyhini wokuqala
wase-Afrika ukufumana le mbasa.







UWangari ubhubhe ngowama-2011,
kodwa sicinga ngaye ngalo lonke ixesha
sibona imithi emihle.







